Imbongi ye sizwe jikelele: *Imvo Zabantsundu* (31 December 1938), page 3

## 1939

"Zizale izi trate zomzi ngama kwenkwe neentombazana bedlala ezi trateni zawo." Zek 8:5

"UKUZIGCOBISA"

Kuwo lomnyaka ungenayo we 1939, kuthe qatha kum ukuba kutyilelwe umlisela nomthinjana, amakwenkwe neentombazana, isifundo ekuzigcobiseni. Kuyo lemihla inzima, imigcobo nayo ithabathe unyawo oluzeleyo, yade yafuna ukuthimba nezindlu zesikhungo!

Kuvunyelwene zizizwe ukuba ukuzigcobisa oku kuyimpilo emzimbeni, ngawo ke lamachaphazana angewakoni ndizama ukutyila imfundo yempilo nangokwase moyeni. Akwaba ubufutshane bawo bunganika ithuba lokuzandisela kwabadlali nabangengabo. Umdlali we qakamba (krikithi), uzelwa sisivuthevuthe selitye eliya kuthi ukuba uliphosile okanye waliyekelela kuthiwe "ufile;" okanye elocala lityefezileyo kuthiwe "loyisiwe." Elilitye ke alizi kakuhle, lithunyelwe ukuba malize linobuqokolo,—libijabije, lifutha, lingena ndlela inye liza ngayo. Wena ke yima kakuhle, ujonge, ugxothele phaya olotshaba; kanti naxa sewuyigxothele phaya leyo "demoni," lonto yenze ngobulumko, akukasindi, amakowayo nangaya ethe nqhenqhelele, aza kukubulaia nawo kwanje ngale uyigxothileyo, bazintshaba zakho boshumi. U Sathana uza engathi uyedwa, kanti izibatha zakhe zikujikelezile. Funda ulutho apho ngokwase mphefumlweni!

Umdlali we footbola naye maka khabele kude, agxagxamise, iintshaba zakhe zininzi, zinjalonje zimrawule, makabe nenjongo yendawo apho le "demoni" aya kuyikhupha khona, isango; kuba ayizi kufumane iphume nokuba kuphina. Makaqonde ukuba ayiyodwa, inamakowayo, aza kukwenzakalisa nomzimba.

Umdlali we ntenetya (tennis) kufuneka naye echwethele phaya! Ewe, ngathi kuhle, kumnandi, akukho ngozi yalutho,—kukuhlala komkohlisi omkulu oko,—chwethela phaya ngeso sithetyana usiphetheyo, usindise icala lakowenu! Abe Pathfinders, Wayfarers njalonjalo nabo basemkhosini omkhulu womzimbha nomphefumlo, ngakho oko kuyo lonto uyiphetheyo, funda ukugxotha utshaba lomphefumlo wakho!

Ngakho oko ngaye lo 1939,—
Gxoth' u Sathan' asuke;
Beth' idemon' ihambe;
Khaba ngonyawo,

Betha ngephini, Cwethela kude.
Gxoth’ uSatan’ asuke!

Abanye bayamfukamela,
Abe maqanda;
Abe mantshontsho;
Atsho ngenzala kanzala,—
Ibe ngumkhosi;
Id’ imgxothe nasekhaya.

Fund’ ukudlala,
Udlal’ ufunda;
Indlalo ngumsindo,
Umsindo kukulwa;
Qina k’ ekulweni;
Kodw’ u Sathana makemke!

Dlalani makhwenkwe!
Zintombi dlalani;
Dlalani mlisela!
Mthinjana dlalani;
Nigcobe nonwabe,
Nigxoth’ idemoni.

Igora licwayit’ emfazweni,
Kupalal' igazi kuphum’ umphefumlo;
Lonwabe lihleke, lidlale,—
Libethe kakhulu,—
Lusasak’ utshaba
Lidunyiswe ngaba kowalo!

Bethani ke ngoko bethani!
U Mtyhol’ ukhululwe bethani!
Gxothani khabani bethani!
Sithembele ngani bethani!
Ixesha lelenu bethani!
Malisind’ ilizwe bethani!

